

Imvo Zabantsundu

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.]


[LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.]


KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWE SI-TATU, OCTOBER 6, 1886.

[No. 101.]


INGUBO



INGUBO



INGUBO



Isaziso ku Mamfengu.

LO ugama lisekele esi sa-
ziso, uvakalisa ukuba
ngelixa loku ceba lizayo, ulu-
ngiselele ukuba anike elona
nani longamele amanye ngo
Boya.

Impahla kanjako iyakute-
ngwa ngemalana encinane xa
sukuba umntu eze eyipeti ima-
li kuzo zonke ivenkile zake
kwela Mamfengu.

THOS. MORIARTY.
5 August, 1886.

KO TITSHALAA,

DYER NO DYER

KUFUNAVA Otitshala
aba-
ufaneleyo umsebenzi;
omnye ufunelwa Isikolo esi-
kulu sase Burnshill (Emku-
biso) omnye esangapandle sase
Ngcwazi (Falconer).

Izicelo mazitunyelwe ku
Rev. WM. STUART,
Burnshill,
via Middle Drift.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba
ukange-
lise lamayeza abalulekileyo.

COOK Elika
Iyeza Lesisu Nokusaxaxo.
1/6 ibotile.

COOK Elika
Iyeza Lokukohlela
(Lingamafuta).
1/6 ibotile.

COOK Aka
Amafuta Ezilonda Nokwekwe.
9d. ibotile.

COOK Elika
Iyeza Lepalo.
1/6 ibotile.
Ezika

COOK Ipils.
1/ ngebokisana.

COOK Eka
Incindi Yezinyo.
6d. ngebotile.

COOK Oka
Umciza Westepu Sabant-
wana.
6d ngebotile.
Oka
Umgutyana Wamehlo. 6d
ngesiqunyana.

Niqondise ukuba igatna ngu
G-. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igatna lake.

YIYANI KWA

C. A. JAY & CO.,
E QONCE,

XA SUKUBA NIFUNA—

Izikonkwane—Into Zokusebenza
Imela ne Folokwe
Ikoyi—Ikomyityi ne Pleti
I Lampi
Impahla YendluYonke, njalo njalo
Kukwako imisesane YOKUTSHATA YE
GOLIDE, neye NGEJI ETSHIPU.

Zonke ezingubo ngoku zikutshiwe ezibhokisini, zipaulwe ngamanani amancinane kanye:—

Impahla Entsha kokona ifika
Ngazo Zonke

Iminqwazi Yamadoda, 2/6, 3/, 3/6, 4/, 4/6

Caps, 1/, 1/3, 1/6, 2/

Ihempe Ezilushica, 1/3, 1/6, 1/9, 2/

2/6, 3/, 3/6

Ihempe Zobooya, 4/, 4/6, 5/, 6/

Ihempe Ezinemigca, 3/, 3/6, 4/, 4/6, 5/

Ibhulukwe Zetwidi ziqala 4/9 zinyuke

. ^Isuti Yonke Yetwidi iqala 14/ zinyuke

\Indulubhatyi Zetwidi ,, 3/6 ,,

\Ibhulukwe Zekodi ziqala, 5/6

y Ibhathyi ^Xldyasi Ziqala kwi 7/6 zinyuke 5/

Izikafu Zobooya ziqala kwi 6d.

Ikausi Zamadoda ziqala, 6d.

Intlobontlobo Zezihlangu zodwa

Izambulele ziqala kwi 1/9

Amalapu Okwenza Ihempe ezo meleleyo

6d. iyadi

Carpet Bags

I Portmanto (Zingxowana Zabahambi ezo)

Inqawa

Ingxowana zempahla Yentsapo Yesikolo

Izikafu

Impahla Yonke yokutshata ihleli
Yodwa

Amaqina entlobo zonke.

Ingubo Zangapantsi.

ITYALI ZOBOYA ZIQALA, 3s. 9d.

IKELEKO BROWN, 2d. IKELEKO EMHLOPE, 2d;

IMPAHLA ENTSHA.

KUSAND' UKUFIKA KWA

ITYALI ZETU ZOBOYA, zitsala igazi.

ITYALI ZETU EZILUFIPA, zipandla ilanga.

INGUBO ZOMTSHATO EZENZIWE kakuhle.

Kwa nentyantyambo nezigqubutelo ngatmaxabiso apantsi kanye.

INGUBO ZOKUTSHATA; ZEKABA ZIYASIKWA ZI-
TUNGWE.

IKELEKO, ILINZI, IPRINTI. INTLOBONTLOBO :ZE- LOKWE
ZIKWAKO.

BANTU ABANTSUNDU

Lempahla iyakwenza intliziyo zenu zibete. Yizani kutyebisa amehlo.

Paulani amagama ka PASCOE

AMADODA ati ngu SIGINGQI. ABAFAZI bati
ngu SILINDI. UMTEKETISO ngu FOLOKOCO.

YEKA UKUSELA UTYWALA.

ODWA ke ukuba uyabusela, sela obungangxengiweyo obucocekileyo,

wobufumana ke kwa

O. DONIAN, Kwi Bala le Marike.

Yena akatengisi bumbi, ngobulunge kakulu.

UNGA UNGAGCINA IMALI NA ?

Ukuba kunjalo zitenge ingubo zako kwa

63, BATHURST STREET,

E - R I N I.

I SUTI ziqala kwi 18/6. Ibhulukwe ziqala
kwi 5/6; Ibhathyi kwi 7/6; Ihempe kwi
1/, njalo njalo, kuzo zonke izinto zalendlu.

U BROOKS utengisa ngezona suti zobu
jentilmane ezomeleleyo, ezenziwe ngomya-
lelo ngabasiki base London. Qiniseka ukuba
ziyaku kuhlala—ziqala kwi 40/; Ibhulukwe
12/6. Amakulukulu entlobo ngentlobo onga-
nyula kuzo.

Xa umntu aye kusika ushiya 10/- angati
ayifumane kwakona ukuba ingubo azimkoli-
sanga.

W. BROOKS & CO.,

Abatengisi bengubo zokunxiba,

E - R I N I.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi
kwe ofisi ngase mcancatweni.

ISISULU SE NGUBO

MADODA NEZA MANK AZ ANA

GIBBERD NO BRYANT, E QONCE.

Ezamadoda.

Ihempe Ezimhlope, ziqala 3/6 Ihempe ze Printi
Ihempe Ezomeleleyo, ziqala 1/
Ihempe ze Fleneli
Iminqwazi etambileyo, iqala 2/
Iminqwazi ye Twidi, iqala 10d Ibhulukwe ezomeleleyo zekodi Ibhulukwe ze Twidi, ziqala 5/ Ibatyi ezimnyama ezilungileyo 15/ Ikolala namaqina
Amaqosha azizitadi nawezihlahla Ibhulukwe, nebhanti, nehemphe, neminqwazana ye Bhola.
Imiqulu eyomeleleyo yehemphe 4d. 6d.

Ezamankazana

Ityali ezimnyama, ziqala 2/3
Ityali ezinamabala, ziqala 3/
Ikeshemiya zeqiya ezimnyama, zibanzi kakulu 10d
Amabala onke ekeshemiya, zibanzi kakulu, 1/3
Izitofu zelokwe, ziyi 4d. 6d. 8d. 1/. iyadi I Printi (Ezingapumiyo)
I Printi ezibukeshemiya, 6d iyadi Izitezi, 2/ ne 2/6
Ilokwe ezi kutiwa zi Chemise, 1/6
Ezilokwana zangapezulu ezimhlope (white skirts) 2/
Amiqgqabi ne Veyile
Ikausi nezihlangu
Amaqina
Ikeleko emhlope

ISUTI ZOKU TSHATA ILOKWE ZOKU TSHATA, ziqala kwi 20/- ISETINI EMHLOPE ne SETINA EMHLOPE

GIBBERD NO BRYANT.

THOS. H. COPELAND, BATHURST STREET,

Uhlala aba neyona mpahla ininzi enjenge NGUBO ZENTLOBO ZONKE AMAFELANE NE NGCAWA

Engagqitwa nayiyipina apa e Koloni ngobuhle.
Yena utengisa ngenani eli linganayo ko Ntsundu nako mhlope.

Leshesa, Paula, Funda, uze Utyise.

XA abulela abaxasi bake abebetenga kuye, lo ogama lingapantsi namhla wenza isimemezo sokuba amalungiselelo uwagqibile okufumana impahla evela e Ngilane ize kuye ngenqo zonke inyanga. Impahla yokuqala eyakufika ne nqanawa yobalapa mayela pakati kuka August lo. Kauze kuhlola. Ndinika amaxabiso awona makulu nge Mveliso yeli lizwe enjengo baya nokutya njalo njalo kuba ndiya kuyitumela e Ngilane ngokwam.
P. H. POTTOB.
E Jojosi, July 27, 1886.

Kumzi ontsundu ose Ngqushwa.

LO ugama lisekele esi saziso, unovuyo olukulu ukuvakalisa kuwo wonke umzi ontsundu omele Ingqushwa, ukuba nqale umsebenzi

E TUWA (BELL TOWN)

(Ngakwi Hotele ka Mr. BURGEE'S),

Wokwenza Inqwelo, ne Kari, NJALO, NJALO.

Njengokuba wawufunda lomsebenzi kwindawo apa edumileyo yelishishini, ka Mr. WEDDEBBURN, e Rini (wasebenza kona iminyaka elishumi), uzitembile ukuba unokwenza umsebenzi omhle, oqinileyo kwelisebe.

Kunokuhlulwa ngokudla nangempahla ngemise- benzi eyenziwe nguye.

Iputuwa ezapukileyo, nento zokusebenza umhlaba zilungi- swa kwamsinyane. Usebenza ngemiti elungileyo yodwa yena.

Amaxabiso abizwayo ngalingeneyo.

ALFRED FRAY.

6 August, 1886.

Mr. J. A. BRIDGE,
Igqira Lamazinyo,
No. 1, DOWNING STREET, E
QONCE.

ABAZELWEYO

PAMLA.—Esikobeni (Prospect Place) ngo 23 September 1886, Inkosikazi ka Bev. C. Pamla, ibeleke UNYANA.

ABABHUBHILEYO.

TSEWU.—Kubhubhe e Dutywa ngoku- hlwa kwe Cawa ngo 26 September 1886 u ESTHER MABEL, Intombi ka Bev. Edward Tsewu no Esther Tsewu, ebudala buzinyanga ezisitoba nentsuku ezisibhozo. Izihlobo ma. zamkele lombiko.

Iveki.

U BEV. D. BUSSELL wehlelo lama Congregationalist Emgungundlovu usinge e Barber-ton ukuya kuvelela amaramente ecala labo.

AMADODA amatatu ase Bhalini adliwe iponti ezintlanu inye ngokunqanda inkomo zawo xa zisiwa esikiti. Ite imantyi u Mr. Chalmers ifuna ukuwohlwaya nzima ukuze ingaqeli lento yokupanga inkomo ezibanjiwe. yo-

KAMBE ngo Mgqibelo weveki ezayo Imantyi yase Bhofolo iya kupulapula izimangalo zabantu abamagama abuleweyo evotini. Abantu ke mababeko bonke ukuzipendulela.

E NISINA kuko umfazi obeleke abantwana abatatu ; intombi zimbini nenkwenkwe.

U BEV. H. VARLEY use Bhayi. Lomfu. ndisi usand' ukufika kwelilizwe uvela peshe- ya ngokucelwa yintlanganiso yododana ofn- ngama Krestu ase Kapa ukuba aze kuhamba eshumayela kwelilizwe.

ILITYE ebelicolwe e Gxulu laziswa apa e Qonce, lifumaneke ukuba line golide eninzi.

UMFO ontsundu obesele nenyanga ezine ehamba ne nxeba lokudliwa yimfene yase kaya ubhubhe e Dayimani ngolwesi-Bini lweveki egqitileyo.

IMANTYI entsha yase Nxukwebe u Mr. Ayliff seyiko esikundleni sika Mr. Dugmore.

Kwi veki engapaya kwegqitileyo kufe enye indoda esikolweni sase Cumngce (Buntingville) edabini lamakaya. Bekuxa- bene abantu ababini etywaleni kanti lonto iyakungenwa nangabanye, zalila xa kutiyawa- yo ngokuhlwa. Ute efika ukuba kulama umfundisi u Mr. Morris labe selilalelwe ngu. mbete itshoba kwenye indoda. Ati kambe amawetu kukutya lonto yenza ezo ziganeke.

AMADODANA ase Heald Town abengene uviwo Iwakwa Rulumente lobu Titshala sele citacitawe anikwa izikolo ngabafundisi balo- wo mzi.

INDODA engu Verster idliwe iponti ezimbi- ni yimantyi yase Kapa ngokusuke itengise ngenyama yempahla efileyo.

KWIZIKOLO zapesheya kwe Nciba ezi 57 ebeziviwa ngu Mhloli ngale kwota igqitileyo siva ukuba sibe yintloko ese " Principal of St. Jamese Caba. Yindawo yaso kade leyo kwelazwe. Pambili Mr. Nathaniel Daniel.

INGQAKAQA ihle umfo ontsundu ngase Me- tele (Middelburg), wongiwa yedwa siteta nje.

U MR. G. G. MUNNICK obesaknba yimantyi yase Barkley East, umise ipepa lamafama e Bafu ekutiwa yi " Cape Farmer."

KUYAWAVAKALA ezokuba imisito yoboya e London ngom. Gqibelo ogqitileyo upele amaxabiso ngeponi efan' akuncipa.

IQELA lentombi za Mangesi ezifundayo e Bhayi litatyatwe lulwandle ziqnba. Kun- tywiliselwe mbini, ezinye ezimbini bezinge- kabonwa, zine ezibuye zancedwa.

KUKO ulure lokuba idayimani zifunyenwe e Carmel kwelama Bhuln e Free State.

ABAGWINTI baka Dabul'amanzi o Bester no van der Berg bazakunikelwa kwizipata- mandla zase Natal lulaulo lwama Bhulu la akwa Zulu. Kuvakala ukuba lenduna ibi- bekwa ityala lokuba ibe ihashe ngama Bhuln, ate ambizela kwi bhotwe lawo eliyi Vryheid, xa bayiqubayo induna icele ukuba ke baye koli Liso le Nkosazana kwa Zulu anga ayavuma abuya amqanda andula uku. mdubula, atyala imbumbulu ezintatu emzi. mbeni. Iyapandwa into leyo.

E KOMANI ngaleveki kunduluke o Messrs. J. M. Parsonson, W. Lamplough, unyana ka Vulindlela, no W. Stilwell ukuya kwele golide.

U MR. MUNRO wangase Dikeni e Ncera, ubhaqe Umxhosa eyantaza emhlabeni wake, kwaye kuko inkatazo yokugaulwa kwemi- nga ngabantu abangaziwayo. Bange banga- teta waselemquba ngehashe: wakulula umfo ngenduku ehashini watsho laxhuma. Akabisadenda u Mr. Munro ukhula ehashini kwabambana. Bate besadubulana ngomza- mo kwafika omnye Umxhosa, tywine entlo- ko ku Munro watsho lamrozo kwayoko igazi, bacela koxongo bemshiya ete ti. Abakaba- njwa, noko kuko amadoda ekuranelwa kuwo.

IQELA la Besutu elali wezwe li Jelimeni elitile liya kubonisa ngabo nokungqungqa kwabo e Ngilane nakwelama Jelimeni lifike e Monti, ngeveki epeleleyo. Kwafika izinto ezingenayo nepeni ebomvu esezipile ngamate entamo. Naleyana mali izi £4 ngenyanga kwa- kutiwe bomana beyamkeliswa bati abazange bayinikwe. Abantu mabakulumkele ukusu. kelana nezanga.

KUKO umlunguzi osand' ukubhubha e Mgungundlovu ominyaka ilikulu ubudala.

NAMALAWU ayatwala! Pambi kwe Jaji e Dodoloro kutetwe ityala le Lawu elatwala intombazana ka Mr. Merwe eminyaka ilishumi linesi bhozo. Ligwetyelwe iminyaka emine lisebenza nzima entolongwe.

INTLANGANISO (Presbetry) yaba Fundisi be Free Church idibana namhla e Monti.

LITI ipepa lase Dikeni i *Alice Times* ku- sand' ukutyiwainja ye Mantyi yakona yin- yo ka yasuka intloko ne nta mo yalilukuluku ukudumba. Kwaputunywa iyeza lika No- gqala eli kutiwa " Ngumpilisi wenene " (" Sure Cure") latshona ilanga seyipilileinja.

AMASELA enkuku angxamelele ukuwuxaka umzi apa e Qonce zibiwa nangama nkaza- na. Ngati imbangi zibi mawusi zotywalwa bomlungu nobomkhosa.

KUSHICILELWE isaziso kwi *Government Gazette* sokuba u Mr. Havelock Smith, umpati we Standard Bank uyeza apa e Qonce ukuza kuvusa elatyala lala mali yayicolwe ngaba banjwa. I Bank iyayibanga iti yileya mali yalahleka ngo Ngayecibi.

SINOSIZI ukuya ukuba ngapesheya ko Mta- ta singene kakulu isilingo, mhlaumbi islfo, inkatazo, yokuti kuhlelwe isuke intombi ivuye seyi bombolozela ikala ngomfana, kuze sekusitwala uyisebenzile lowo mfana. Siya- zivela ezosi alamazana:

I JAJI iyakuteta kwezi ndawo.—E Koles- belere, 7th October. E Kaladokwe, 11th October. E Somerset, 14th October. E Tinara, 16th October. E Faru, 19th October. E Bhayi, 23rd October.

IBHULU lase Somerset East lidliwe iponti ezimbini, lingenazo lhlale entolongweni ngokulibeta kakubi ihashe lalo entloko nase mzimbeni wonke. Ute akudinwa kulibeta wa- bopa amayesile amabini wafaka intambo antanyeni wabaxeshwa waliralo ngokwe sileyi.

UMZI Ontsundu otenga e Rini siwuyaleza ukuba make ufunde izaziso zo Mr. T. H. Copeland nesika W. Brooks, uyakwanela.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, OCT. 6, 1886.

TNGXELO ka Mr. Zamgqibelo, HoWE ELY nge Ziko- lo yenyanga ezintatu ezipela ngo June 30 lo ugqitile- yo isel' shicilelwe. Indlela esidi- bene nayo ngayo lengxelo isibange- la ukuba sityi siva into embi ukuti amapepa anjengala abonisa uku- hamba kwe mfundo angabiwa ngoku kululekileyo kuba shicileli be- ndaba. Nxa kwazekayo nje ukuba kuko abantu abayi ease kunene lento yenxaso yezikolo nge mali ka Rulumente yindawo yabapati Mfundo ukuba bakusasaze ukukanya komsebenzi owenziwayo kufikelele kwabanengqondo kuba intshaba ngasele paya zenzakalisa zingabo- nwa.

Lengxelo itabate kwizikula zemi- mandla yase Mfopu, i Qonce, i Cu- makala, i Bhofolo, ne Dike. Noko asisokuzicalucalula zonke izinto ezi- bhaliweyo ngezi zikolo kuba elipe- pa lincinane, ezonto zingalungela ikoranti ezinkulu ; kanjako asisoku- ngena ezi Semnareni kuba sike site- te ngazo. Namhla singena kweza ngapandle zikolo.

Kwa ese semgubasini umlesi wale ngxelo udibana nezikalazo zo Mholi ngenxa yokungabiko kwe Zifundo Zokwazi Izinto—ezihlala ziyalezwa Libhotwe Lemfundo ukuba mazifun- diswe. Incwadi nemifanekiso ye- zizifundo fudula zikutshwa Ebbotwe Lemfundo, njengokuba zazingalo nezi leti nezinye incwadi. Lati laku balela ilanga lowo mtwalo wa- mela Abafundisi kunye nabantu. Indlela abawu quba ngayo lowomse- benzi kwelabo icala lengxelo ayiwu- ncomi.

Kumashumi amatatu ezikolo zaba Ntsundu zihlanu qa ezizifundisa ka- kuhle Izifundo Zezinto, ubuninzi ba- zo azinazi ncwadi nazi leti, ne desika kwezinzazo zimana ukudidizela lonke ixesha kwaku fun' ukushukunywa. Lento yokuba kungabiko zincwadi nezi leti ndawonye nobu budididi bedesika nokungabiko kwe mpahla yokufundisa izifundo zezinto yenza ukuba ukufundisa oku kube yinto engenako ukwenzeka. Kanti ke asikafiki kweyona ndawo illusizi esi- za kuyi balisa. Umlesi wale ngxelo uti akuhambisa ukuyi lesa angabi naku nceda ukuya intliziyo ingxa- mel' ukuhlamba akufika kule nteto iti izindlu zezi kolo zingama xeke- xwa indlu le ivutuza umoya kwenza- kale impilo yo titshala neye ntsapo.

Into eyakubonisa ukuba asifuni-

seli zezi zikolo zilandelayo esizica- pula kule ngxelo.

Gwiligwili.—Teacher, Maria Petshwa Akuko zifundo zezinto. India ibuxekexwa.

Nxalawe, Teacher, Sarah Jane Msileni:— Akuko zifundo zezinto. Incwadi yamagama yale kwota ingcolile. Le titshala ingeno apa ekuqaleni kwayo le kwota; kafuneka iwenze umsebenzi unge uyadlamka.

Ngobozana, Teacher, Anna Bitshana:— Akuko zifundo zezinto. Njengokuba le ti- tshala ihlandelwe ukuba usapo ilupumeze kwibakala lokuqala lodwa nje kufuneka ukuba obobuncinane ibenze ngokufezekileyo. Aba- bantwana babini bajabalazela ukupumela iba- kala lesibini abasokwenzelelela indawo yala mashumi ma 25 afumane ahlala ngezimnyama- ma. Indlu icokisekile ilangisiwe.

Kwa Qoboqobo, Teacher, Harry Sitela, (U- nompako wesiqinisele se 1885) :— Izifundo zezinto zilungile. Esi sikolo sivulwe ngo January lo ugqitileyo. Indlu icokisekile ilangisiwe. Kuko itafile ye titshala, nezitulu- lo zanele. Idesika ne kabati yokucina incwadi ziyafuneka.

Esihobotini, (Wartburg) Teacher, Rev. W. Rein; Abancedisi, Simeon Nxamngxa no Stephen Shweni:—Akuko zifundo zezinto. India intle. Inxenye ye desika zishukuma kakulu.

Kubusi, Teacher, John Lokwe, Umncedisi Otungisayo, Lizzie Mnyango Akuko zifundo zezinto. Kutungiswa katatu ngeveki— iyure ene halufu. Ukubhala nokubizelwa makunyanyekelwe. Ngalonyaka esikolo sa- valwa intsuku ezintlanu ngenxa yemvula. Indlu iyakangeleka; isifululo sesifun' uko- nakala ; idesika zimbini, izitulo zanele, kuko netafile ye titshala, ne bokisi enkulu yencwa- di.

Kwa Zidenge, Teacher, Isaac Tshwete Akuko zifundo zezinto. I Geography mayi- setyenzwe. Kufuneka izilite kubantwana abasaqalayo ukufunda. Esikolo ngalonyaka savalwa intsuku ezi 13 ngenxa yemvula, lwa- lunye ngenxa yengqele. Indlu inkulu ino- bom ; ifestile mazivuswe; idesika zimbini, izitulo zanele.

Emgwali, Teachers, Lydia Jafta, no Mar- garet Mngunana :—Izifundo zezinto zilungile. Isiguqulelo sokusa Isingsi Esixhoseni masikatalelwe kakulu. Zizindlu ezilungileyo zikanayiselwe zaza zanempopo, zinempahla eyaneleyo.

Emnyameni, Teacher, Ebenezer Majiza : — Akuko zifundo zezinto. Akutungiswa. Akuko zikopi, nazilite nazincwadi zakufunda. Isifululo sonakele, mahlanu amacepe efestile awapukileyo.

Ezingcuka, Teacher, Niven P. Gasa :— Izifundo zezinto zilungile. Akuko zikopi. Si- valwe intsuku zambini ngenxa yemvula n- galonyaka. Indlu icokisekile; kungekufakwa ifesitile; iti kwakubako umoya uvutuze ka- kul endlwini; kuko idesika inye, netafile yo titshala, ne kabati yencwadi.

Rabula, (esase Tshatshi), Teacher, Jervis Mjodi :—Akuko zifundo zezinto. Akutungis- wa. Incwadi ze Singesi ekufundwa kazo zingapaya kude le ngenqondo zabantwana. Incwadi ze Sixhosa ziyafuneka ; ezikoyo zi- ntatu qa pakati kwesitoba sabantwana. Incwadi yamagama imelwe kupatwa kaku- hle kunalento. Eye titshala eyayifundisa apa u L. Gamanda yayiyipete ngobuxelelu kakulu.

Kwa Ngudle, Teacher, Robert Nvosi Gaba ; Umncedisi, Jane Nyosi Gaba :—Akuko zifundo zezinto namtungo. Ukubhala kubi; kufuneka unyameko olukulu ekugqukeni Isingsi sisiwa Esixhoseni. Kufuneka incwadi ze Sixhosa kwabakwi bakala lesi Tatu. Indlu inkulu iyakangeleka; idesika zine, kuko itafile ye titshala, nekabati yencwadi.

Blair Helen (Emngqesba), Teacher, Caro- line Ross :—Akuko zifundo zezinto. Akutu- ngiswa. Esikolo sisand' ukuvulwa ngo January lo ugqitileyo. Indlu intle ilungile; idesika inye, netafile ye titshala, nekabati yencwadi.

Ncera, Teacher, Louisa Ngcayiya :—Ako- ko zifundo zezinto namtungo. Kufuneka ipepa lo A namapepeka okufunda. Esikolo savalwa ekuqaleni komnyaka. Uncedo lwemali ka Rulumente lungelunqunyanyiswa bade abantu bafake ifesitile ezilungileyo. Iti titshala isifa nje. bobubunje balendlu ingqukava, nam nditi inyanisile, nditsho nga- wam amava.

Rabula, (i Wesile), Teacher, Enoch Mpa- Ekufikeni kwam kwesikolo ngexesha leshumi ndayifumana ititshala inabantwana aba 13 imi pandle *ihndele* ukude lupelele ukufika usapo. Kutwala isikolo singena n- gexa lesitoba kusasa. Iba yona le titshala n- gelayo iyalungisa ukulindela, kodwa nga- pandle kokuba kukuleze yona nentsapo ayinge kaulezi. Bonke abo babeko babe zitlito ezingazi nento, inkoliso yabo ingama- lawu. Ngalonyaka esikolo savalwa intsuku ezi 14 ngenxa yemvula, lwalunye olokuzala komlambo. Indlu ifanelekile.

Olivedale, (Kwa Dliso), Teacher, Ellie Meyile (Unesiqinisele sobu Titshala) Indlu irelerele kakubi, liqela abantwana abanom- kuhlane kungenwa zingqele. Idesika zine, kuko itafile ye titshala, ne kabati yencwadi.

Dorrington's, (Entoleni), Teacher, Emily Ntshona (uti unompako wesiqinisele se 1885) :—Esikolo noko asilunge njengento esasiyivo nyakenye; ukubhala kubi kuso sonke isikolo. Akuko zifundo zezinto Bekungatungiswa ngale kwota. Indlu ilungile ; idesika inye emacala mabini, izitulo zisixenxe, itafile ye titshala, nekabati yencwadi iko.

Bhofolo, Teacher, William Dwane (une Si- qinisele se "Honours"), Umtingisikazi, Maria Dwane :—Izifundo zezinto zilungile. Isixhosa masifundiswe kubantwana abakwi bakala lokuqala. Ukuba bebenako ukulesa Isixhosa ngekupumelele abantwana abahla- nu kwibakala lokuqala. Yindlu entle eka- nayselwe yanempopo kakuhle, inempahla ngokwaneleyo.

Kwa Tini, Teacher, William Gqili Ndlazi: Le titshala ayinamsebenzi kanye; akayazi nase mapupeni lento kutwala sifundo sezinto ; ndite ndisakujikisa ngokuti makayenze, wa- sika wati ukuncama ukuba engayazi waqu- bula incwadi wabizela abantwana ukuba babhale. Sezintatu ititshala zesisikolo emva kokuhlola kwanyakenye. Ukuba akuna- knfakwa titshala ivufaneleyo umsebenzi ma- sivalwe esisikolo mhlaumbi siditywe kwesi- ya sase Wesile sise Bhofolo.

Besi saza kuquba indawo ke ayi- sivumeli epepeni. Kuyi mfanelo

ukuti bambalwa Abongameli abazi-kataleleyo izikolo; lisiko lento yo-nke xa sukuba yonakele ibako yona eyokubika. Abapati bale mali iluncedo eyona nto mabayi kangele kakulu sisimo sezikolo. Kona ngo-ku ezi zikolo zizinto ezingena mpe-fumlo. Kwanele okuku xaxwa kwe zikolo zaba Ntsundu kwenziwa zi-nshaba, makungenziwa ikala elira-rayo ngezi poso ezi noku petsbwa kapukapu empatweni yazo. Ngoku bonke obubu bbutyubhutyu buba-ngwa bubu betyebetey bokyukelela kwaba fundisi abongameleyo ekufu-neka kupela ukuba asuke apakami-se umnwe wodwa kwezizinto kolu-nga konke. Mababonakalise inku-talo enobom ezikolweni abazipeteyo zoqala ke ezi ngxelo zo Mhloli uku-yola zakuleswa. Lamabala siwenzwa ngomoya wobuhlobo ngetemba lo-kuba kongena intlaziyeko.

Impawana.

Xa abantu beyakutenga ezivenkileni ekinzaziso mapate Imvo Zabantsundu ekinze benzelelelwe. Kupauleni oko mpi-ndimi ise Rini.

Ubnngewalisa buka Danyeli owavuka ekufeni kwa Wezo—liya tshona ilanga labo. Umhlobo wetu ose Ngeobo, umshumayeli omdala, wazisa u Mr. R. Ndu ngane ukuba elotyendyana likwisitili sase Mjanya. Utsho ati:—“Oluvoko lwan-goku loqondwa ngonantsi, tina asiluse neso eli, nezontlanganiso zezonto aziteta-yaseingeziyoni noku abeyakuti alike apa; noko waka wafika sasinko. Intloko zetu ukuba azilumkeli oluvoko baba qumbu kuzo nabo, imisebenzi yabo iya kuciteka.”

Asazi nokuba umzi waka wasisa-so na isazisosika Mr. J. E. L. Kulling, wase Rini esinevasha. sibonakala kwelipepa le Mvo. U Mr. Kulling ligira elinyanga ngemiti yelizwe. Umlesi makazanelise ngokwa-ke kwimihlati yezaziso mayelana nama-yeza ka Mr. Kulling; kodwa awetu ama-kad' ebona asalatisa ukuba amayeza emi-ti yelizwe asasineda ngapezulu tina ba-ntsundu kunamayeza-yeza enziwe nge-migutyana ya Pesheya.

Umlungiseleli wendaba ze Sigidimi, oqele ukuti maxa wambi abhale incwadi kwelipepa alipeteyo azifihle pantsi kwe-gama lokuba ungu “Mazondwa” Mntu-nabanye njalo-njalo, uti incwadi ka “Gangatele” eyabonakala kwi Mvo yabhalwa kwangu Mhli wase Mvo. Tob' igazi. Asikehli kangako tina. Lomza-lwana chamba inko yake ngokwake ubuza imbuzo ngo “Ntu” ezifihla kwelo kuba ungu “Mazondwa” abuye azipen-dule. Kulondwa ntoyakowetu. Go it!*** Siyavuya kunene ukubona ukuba u Nqogala (J. Shaw, Esq.) wase Bhofo usaupele ngongqo umsebenzi wake wokwenza imiciza ngemiti yelizwe. Amayeza elinene anesihomo kulo lonke eli. Indlu nganye yontsundu ngehlala inohlobo ngalunye lwamayeza ka Nqogala ukunceda kwizifo ezifika ngebhago entsatshe. Nango lomayeza efalisiwe kwimihlati yezaziso kwelipepa.

“Iyawa yintonina (utsho umbhaleli ose Transkei) ukusuka ‘Isigidimi’ ne ‘Mvo’ ziyawavelana ngelize onondyola, namangongo efulane, &c. Yintonina? Utabateka msinya ‘Isigidimi’ kanti nguwe ixego. Yiti cwaka wena wopendu-lelwa siti; ngoku sibona wena ongxami-leyo.” Singati tina kulomhlobo wetu, iyaxuba indod' enkulu, yiyo lonto seyi-fumane itabateka kusaqutywa uburhara.

Intombi zakowetu zingonzala bohlanga, abazalikasi ke ngabo abaxonxa izimilo zabantwana, akuhlazo ke kwetzu ingo-ndo ukuba umzi uke unqumame ukange-le apo isinga kana ingqesho yomlisela nomntjina. Amasiko etu okuba siluhlanga siwalahlile, baninzi abati nawa Mangesi asikawafumani sisabambe isi-sila sehohe kuwo. Ifika ingene apo ke ingxoxo yokuba “Kubhekwa pina ngu mlisela nomntjina wakowetu?” Izindlu zalempi intsha azimi kuzezimini, zimi emsetulukeni, ze umfana uve kutiwa useyile, ngokwenqanawa, usel' umoya; udlive zihangu, selenxih' ihempe yetiki ngokungahlali kakuhle endlini yake. Kuya funwa ke ngengxoxo enjengale ukuba kungatwanina uku-ngandwa lamahlazo. Sitsho kuba kuko unumzana oti:—NKOSI.—Nceda ufake lamazwana ambalwa kwelo pepa lamanene. I. Imvo Zabantsundu bendiba ligama elibhekiselela kwinto zolaulo, ngokutya imvo zetu, ngokwam ukucinga. II. Bendingazi ukuba lizaku-teta ngamantombazana angafundileyo na-fundileyo, lonto ilihlazo pambi kwetu. III. Amahuli akuti asinambeko kuwo. IV. Sisukela abantu abangazipenduleliyo abaman' ukuhlazwa siti. V. Makayekwe amaleli afundileyo nangafundanga ngo-kuba sizilaza ngokwetu xa sisenjenje kumaleli akowetu. VI. Amadodana afundileyo inxalenye ayikalitabati nelipepa, nelitabatayo inezikweli yinkohla noku-ixasa ipepa. Ukutsho nditi, um-Afrika makazenzele intfoni ngalandawo. Uxolo Mhli.—Ndisicaka sako.—D. GWELE.—Tsono.

Ngati, sibona tina, ngeike ixoxwe nga-qinileyo nazingwevu lengxoxo, ike iku-tshwe ezandleni zoluthsha, bazakusike batukane; umzi ulahlekwé sidima nasi-homo sawo. Impi entsha ayisengawo na Maxhosa na Belungu. Sisizwe nje esisibhakhakhani.

U J. S. A. owaka wenza amanqaku oku-bonisa ukuba Isigidimi siyazenzakalisa pakati komzi ngokubalisa intsoni emini, yenye yamadoda apambili ngengqondfo nangesimo kulonzi untundu, yenye ya-madoda anteto ifanele ukukangelwa. Sifumene ukumangaliswa, sadana saku-bona inteto ekungatiwa ngokukumsha. ggoberian ivunyelwe ukuba ibonakala kwelopepa. Yiyole lonteto ingabona

kubekana pakati kwetu:—“U J. S. A. uyabuda, akanangqondo, uyanyanga. Ubucopo bake bomile; akukonto itetwa nguye.” Le yintshwabulo, izituko—amadala angayewakweliisile umongameli we Sigidimi, ngokukodwa xa ajoliswe konesitozela sika J. S. A. Esenziwa lento nje umhlobo wetu necebo lake selataty-twa,—intsoni asisabaliswa. Nguwona lo umbulelo awufumanayo.

ABALIMI NA BARWEBI.

E-MARKENI.

Amanani ezilimo akashiyene kakalo kuzo zonke indawo, kuse Bhayi nase Kalado kw nase Kolesbelere apo ingxowa yombona neyamazimba ike ifumane ishumi leshelani.

E QONCE (Oct. 5).

Ihabile, 1/1 to 2/7 ngekulu Umbona, 1/6 to 1/10 ngekulu Amazimba, 1/8 to 2/ ngekulu Amatanga, 1/6 to 3/9 ngedazini Umgubo, 5/ to 6/ ngekulu Imbotyi, 4/ ngekulu Itapile, 1/ to 8/ ngengxowa Inkuni, 5/ to 20/ ngeflara

E RINI (Oct. 2)

Ihabile, 2/1 to 3/7 ngekulu Amazimba, 7/6 to 8/ ngengxowa Umgubo, 12/ to 14/ ngengxowa Umbona, 5/6 to 6/ ngengxowa Itapile, 5/ to 10/ ngengxowa

NATIVE OPINION

WEDNESDAY, OCT. 6, 1886.

AVOLUME of “Correspondence

A few more words on the Glen Grey Question. of General Sir G. CATHCART ” is now before us. From it we unearth two important Proclamations, one conferring the territory now known as Glen Grey to the Tembus, and another defining the boundaries of the new territory. We have also taken the liberty to reproduce a memorial of the Dutch farmers of Albert, praying the Governor “not to allow the Tembus “to settle, or locate them on the “same lands as formerly;” also His Excellency’s firm and trenchant reply to the petition. The two latter documents show clearly that the covetousness of the Boers for Glen Grey is not of recent origin, and that the firmness of Governors and Governments has alone, in the past, prevented the farmers from “boning” the district.

In our last article on the Glen Grey business, we ventured to express our doubts on the legality of the manner in which the removal of the Tembus from Glen Grey was effected. To our lay mind the important documents published elsewhere in this day’s impression go far to establish the grounds on which we based our doubts. First of all the transaction took place in 1852, before the Constitution Ordinance was granted to the Colony, and when, we believe, the proclamations of Governors were the law of the land; the Constitution was granted to the Colony in 1854. Under these circumstances, then, Sir GEORGE CATHCART issued his Proclamation, in which he says: “I do “hereby proclaim that the Royal “Regent NONESI may return and “reoccupy her former possessions, “and that all the Tambookies are hence- “forth to be entitled to the same “protection of the laws as all other “of Her Majesty’s subjects.” The former possessions to which the Governor was alluding are the Glen Grey lands, which he defined in a subsequent proclamation. Of the force of his action Sir GEORGE CATHCART thus writes in his reply to certain Burghers of the district of Albert: “The Tambookies, as “well as the Burghers within the “limits of the Colonial boundary, “are Her Majesty’s subjects, and, “holding their lands from their “common Sovereign, are entitled “to the same protection of their “rights by the Government of the “sovereign power which granted “them.” These have been our views of the functions of Government until the recent plundering of the Tembus of Glen Grey considerably shook our faith. Now, it must be remembered that His Excellency the Governor has not issued a proclamation repealing Sir GEORGE CATHCART’S proclamations, nor has an Act of Parliament, setting aside these proclamations, been passed; and the infringing resolution of Parliament, under colour of which

these proceedings have been taken, has no force of law. It will, it seems to us, be laying a principle utterly subversive of the letter and spirit of the Constitution under which we live to take Parliamentary resolutions as possessing the potentiality of law, and more so when such resolutions affect the rights of Her Majesty’s subjects to land. With these considerations uppermost in our mind, we are strongly of opinion that the evicted Tembus of Glen Grey have a good case against the Cape Government in Courts of Justice. Moreover, we are as powerfully persuaded that their representations would have great force with the Right Hon. EDWARD STANHOPE, who holds the seal of the Colonial Office, if sent through His Excellency the High Commissioner. No time should be lost by the friends of the Tembus in adopting either of these courses.

Editorial Notes.

